**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isincoko | (50) |
| ICANDELO B: | Imihlathi | (2 x 25) (50) |

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

3. Bhala ngolwimi ohlolwa ngalo.

4. Qala ICANDELO ngaLINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/iflowutshathi/amagama angundoqo, njl.njl), uhlele uze uwufundisise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.

6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.

7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Malunga nemizuzu eli-100 |
| ICANDELO B: | Malunga nemizuzu engama-80 (2 x 40) |

8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.



DOWNLOAD MORE RESOURCES LIKE THIS ON ECOLEBOOKS.COM

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM


## ICANDELO A: IZINCOKO

Khetha isihloko sibesiNYE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340-390.

## UMBUZO 1

1.1 Lwaba neziganeko uhambo lwaloo veki. **[50]**

1.2 Kowu! Abazali kodwa! **[50]**

1.3 Le tekhnoloji kwimfundo kutshanje ... **[50]**

1.4 Izandla ziyahlambana. **[50]**

1.5 Uthethathethwano lungenza lukhulu. **[50]**

1.6 Isibonelelo sikarhulumente siluncedo, kodwa ... **[50]**

1.7 Qwalasela uze ukhethe ubemnye kwimifanekiso engezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.

1.7.1



[Ucatshulwe kwi-intanethi: www.googlesearch.com] **[50]**

Download more resources like this on ECOLEBOOKS.COM



## ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibemiBINI kule ilandelayo uze ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

### UMBUZO 2

2.1 **ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umhlobo wakho umbalisele ngesenzo sobuqhawe sikamakhulu/ sikatatomkhulu wakho. **[25]**

2.2 **ILETA YASEBURHULUMENTENI**

Bhalela uMphathiswa weSebe lezeMfundo uhlomle malunga namaphulo awenzayo okuwonga abafundi nootitshala. **[25]**

2.3 **INQAKU LEPHEPHANDABA**

Bhala inqaku lephephandaba ngesiganeko senkosazana/senkosana sokuphumelela indebe yobuhle kaZwelonke. **[25]**

2.4 **I-OBHITSHUWARI**

Bhala i-obhitshuwari yeqhawe lakho. **[25]**

EcoleBooks

2.5 **INGXELO ESESIKWENI**

Bhala ingxelo ngenkomfa yokulondolozwa kwendalo obuye kuyo. **[25]**

2.6 **UDLIWANONDLEBE**

Bhala udliwanondlebe oluphakathi komqeshi kunye noVusi ozigqatsele isithuba somsebenzi wokwamkela nokunxibelelana nabakhweli kwinqwelomoya. **[25]**

**AMANQAKU ECANDELO B: 50**
**AMANQAKU EWONKE: 100**

Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha